Iprojekthi iPAY

Ungathanda ukufumana amava okusebenza kuRhulumente?

Ukuba kunjalo musa ukujonga kude!

IPhulo Lokuqala leNkulumbuso Lokuzuza Amava Okusebenza iPAY liya kunika abafundi beMatriki amava okuqala okusebenza kwakunye noqeqesho ukususela ngomhla wokuqala kwekaTshazimpuzi ka-2022 ukuya kuthi ga ngomhla wama-31 kweyoKwindla ka-2023. Lingakhokelela kwithuba lokufikelela kwinkxaso-mali yokufunda banzi ngekhono onomdla kulo!

URhulumente weNtshona Koloni

NGOWAKHO

Faka isicelo yaye singakwenza ukuzuza amava okusebenza eburhulumenteni abe ngocono **KUWE.**

Ingaba nguwe lo?

- Uzibhale ze waziphumelela kwiNtshona Koloni iimviwo zeSiqinisekiso Esikhulu Sesizwe?
- Awuzukufunda banzi ngo-2022
- Ungummi woMzantsi Afrika, ohlala kwiNtshona Koloni
- Awunabantu okanye nkxaso enokukunceda wenze iziqibo ngekhono olinqwenelayo
- Uxakekile ngokwasezimalini
- Ubudala buyiminyaka engama-24 nangaphantsi

Ukuba impendulo yakho ngu-"EWE" kuko konke oku kungasentla, ngako ke ikufanele projekthi iPAY!

Kuza kunikezelwa ngoqeqesho lwasemsebenzini kula masebe alandelayo:

1. ISebe leNkulumbuso
2. ISebe lezoLimo
3. ISebe loKhuseleko loLuntu
4. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
5. ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho
6. ISebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso
7. ISebe lezeMpilo
8. ISebe lokuHlaliswa koLuntu
9. ISebe loRhulumente weNgingqi
10. UNondyebo wePhondo
11. ISebe loPhuhliso loLuntu
12. ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu
13. ISebe lezeMfundo leNtshona Koloni (iWCED)

Yenza kwenzeke:

- Gcwalisa le fomu yesicelo ikwisikhundla sobuchwepheshe apha: https://sayouth.mobi/p/WCDoTP/o/196970 (izicelo zivuleleke ngoLwesithauthu ukususela ngoLwesithathu, umhla wesihlanu kweyoMqungu ka-2022).
- Yiza uzilungiselele ukubhala intetho emfutshane ngezona zakhono zakho zingundoqo kwakunye neminqweno ngekhono.
- Umhla Wokuvalwa kwezicelo: nguLwesithathu, umhla wama-26 kweyoMqungu ka-2022.

Yintoni oza kuyizuza?

- Amava okusebenza eburhulumenteni
- Abantu abanokufumaneka ukuze bathethe ngeCV yakho entsha rhaca
- Uthotho lwezakhono kwakunye namava aya kukwenza uthengiseke ngcono
- Unyaka ongenza ngawo izigqibo ezisekelwe kulwazi ngentsebenziswano noluntu oluya kukuxhasa

Ngapha koko:

- Ungaphucula iziphumo zakho zeMatriki ukuze wandise amathuba akho okwamkelwa kwidyunivesithi okanye kwiKholeji ye-TVET

Iingcebiso ngesicelo:

- Ukuba awunayo idilesi ye-email, zivulele enye kwangoku. Uya kuyidinga ukuze ufake isicelo.
- Xa ufaka isicelo kufuneka ubhalise kuqala
- Nceda ugcine igama oya kulisebenzisa kunye negama eliyimfihlo kwindawo ekhuselekileyo ukuze ube nakho ukufikelela kuyo wakuyidinga.
- Fumana elona thala leencwadi loluntu elikufutshane kuwe onokukwazi ukungena kwi-intanethi kulo.
- Fumana elona Ziko Leenkonzo leThusong likufutshane nawe ze ufumanie ukuba linayo na i-intanethi

Ngeenkcukacha ezithe vetshe yiya ku-:

http://www.westerncape.gov.za/PAY okanye utsalele iZiko Loqhakamshelwano likaRhulumente weNtshona Koloni kule nombolo: 0860 142 142 okanye i-Ofisi yePAY: 021 483 0742/9456 ngamaxesha e-ofisi.